



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2019

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

AMANQAKU: 80

Le memorandum inamaphepha angama-24.

EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpindulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpindulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impindulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**
2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.
3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impindulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.
4. Xa umviwa enike iimpindulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.
5. Xa iimpindulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.
6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabane loo mpindulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpindulo.
7. *Imibuzo esisincoko*
Xa impindulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenan lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impindulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempindulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.
8. *Imibuzo emifutshane*
Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.
9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impindulo exhasayo.
10. Akukho manqaku Abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impindulo exhasayo.
11. Iimpindulo zemibuzo emifutshane mazihloliswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubekela ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane

UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – S.E.K MQHAYI

Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.

Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-30 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Kwisihloko sombongo imbongi isebenzise igama **umfikazi** eliphuhlisa ukuba lo iza kuthetha ngaye kulo mbongo ngowasetyhini osele elandulele eli.
- **Ushenxile:** ligama elisetyenziswa ngamaXhosa elinika intsingiselo yokuba ubani akakho kwindawo ebekuyo engayanga kude. Kulo mbongo lisetyenziwe ngenjongo yokuba nangona likwathetha ukuba akasekho uMfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke phakathi kwabantu ebekade ehlala nabo kodwa izinto abezenzile zisashiyekile abantu abasazibona novakalelo lokungabikho kwakhe lusavakala okanye lusenephunga kubo.
- **Ukuliphindaphinda eli gama lithi ‘ushenxile’ ngokutsiba umqolo kunika intsingiselo yokuzinga kovakalelo lwelahleko.** Abantu bakuthi nokuba seabukumlibala babuye bamkhumbule kwakhona kuba imisebenzi yakhe iphakathi kwabantu ngoko bathetha ngaye rhoqo. Lilonke kumke isiqu sodwa yena usele emilonyeni nasemimoyeni yabantu ababencedwe nguye.
- **Igqibil’intombi yasemzini:** Igama kwaXhosa lithetha ukwenza into ephelileyo okanye ngokupheleleyo. Le yindlela yamaXhosa yokuthuthuzela abo balahlekelweyo. Eli gama liqulethe intsingiselo yokuthi ‘thuthuzelekani’ ningakukhalazeli ukungabikho kwakhe kuba kungekho nto angayenzanga. Ukuliphindaphinda eli gama kunenjongo yokubethelela le ntuthuzelo kwanobubanzi beendidi zabantu abanokuba bayakhala. Umzekelo abafazi becawa, abenkonzo yentlalontle kwanekhaya lakhe.
- **Yaphusile:** Ukwaphusa kukungabi nalubisi kwesilwanyana ebesikade sincancisa usapho lwaso. Apha esi sisikweko esinjongo ekukufanisa isehlo sokungabi nambele wakuncancisa nokungabi nako ukufumana iinkonzo ebezifunyanwa kuyo lo kaMaxeke.
- **Logangwa yintokazi kabani na?:** Lo ngumbuzo buciko obonisa ixhala enalo imbongi lokuba njengoko eswelekile ngubani oya kuthi adlale indima yakhe kaCharlotte Maxeke. Ikwavuselela izazele zabantu abashiyekile ngasemva ukuba banoxanduva lokuvala isithuba salowo ebelulutho eluntwini.
- **Menzeleni ilitye lokukhunjulwa :** imbongi inika umyalelo kwiziphatha mandla zaseMzantsi Afrika ukuba maziqidumise imisebenzi kaCharlotte emihle, ngokuthi kubekho izinto ezibizwa egameni lakhe Ukuze nabo bebengazimisela ukusebenzela isizwe basukume bathathele apho ayeke khona. (Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**IIMBONGI - Z.S QANGULE**

- 2.1 Lizisa intsingiselo yokuba iimbongi zixela izinto ezimbi abantu abazenza kwabanye ekhusini baze nabo zenziwa kubo bazazi. √√ (2)
- 2.2 Ziyaprofithesha, zingamakholwa abhedeshayo, zingamagqirha, zikwangamanyange. √√ (2)
- 2.3 Uggamisa ukuba ninzi zahlukile √√/ ukuba zizisele kwazo kwimiba emininzi eyahlukeneyo yesizwe. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.4 Yimfundiso yokuba iimbongi ngabantu abanesiphiwo esohlukileyo sokwazi izinto ezingaziwayo ngabanye abantu √√/ ukuxabiseka nokubaluleka kwemisebenzi yeembongi kuluntu ngokubanzi. √√ [Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)
- 2.5 Kukuba uwonke unemiqolo elishumi elinesine. √√ / isakhiwo sawo esiziikwatreni ezintathu nekhaphlethi √√/ umxholo owahlulwe wazizicingo ezine ngokwesi sakhiwo seekwatreni nekhaphlethi. √√/ irhayimu yawo ngu aabb ccdd eeff gg. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- [10]**

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**A! NGANGOMHLABA – S.E.K MQHAYI**

- 3.1 Lizisa intsingiselo yokuphithizela okunodlamko. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.2 Lanyikima lonke elakwaGompo. √√ [Nayiphi kwezi] (2)
- 3.3 Ukuphuma ngobuninzi kwabantu baseMonti ngale mini. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.4 Yimfundiso engembali yamhla wanikwa intonga yakhe yobukhosi uNkosi uNgangomhlaba kweliya lakwaGompo. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.5 Kuba siyabalisa√√/ kuba sibaliselwa ngokwathi kwenzeka mhla ukumkani uNgangomhlaba wayebekwa eMonti. √√/ ukusetyenziswa kwexesha eladlulayo. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- [10]**

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UNOZAKUZAKU – Z.S QANGULE**

- 4.1 Lizisa intsingiselo yomntu ongazikhuphi zonke ngaxeshanye ezi mfanelo, olinda zibizwe nganye nganye. √√ (2)
- 4.2 'Ngumdibanisi wamakhay' amabini ngobulawu'. √√ (2)
- 4.3 Uggamisa ukusindasindana kwakhe zizinto ekufuneka eziphethe √√/ eziyimimiselo kulo mcimbi awuhambayo kunjalonje ekungafunekanga athi azikho. √√/ ububele nolonwabo aluzisa kumntu wonke (uswazi nesazimzi) / ngezi mfanelo azisa kwelo khaya. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 4.4 Ukuba unozakuzaku ngumntu obalulekileyo, ohlonitshwayo, ohloniphayo onendima enkulu kumcimbi wobulawu. √√ (2)
- 4.5 Sithathwe kumbongo nkcazo kuba siyachaza √√/ kuba imbongi isichazela ngobunjani bukanozakuzaku, umsebenzi wakhe, iimeko unozakuzaku asebenza phantsi kwazo newonga abakulo kulo msebenzi. √√ [Nayiphi na kwezi] (2)
- [10]**

ISIHOBESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE UKUBA USIPHENDULE)**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)****IIHOLIDE – S.E. K MQHAYI**

- 5.1 Yimpinda efumaneka kwimiqolo emibini yokugqibela kwisitanza ngasinye salo mbongo. √/ luphinda-phindo olufumaneka kwimiqolo emibini yokugqibela kwisitanza ngasinye salo mbongo √/ Yimpinda √/ luphindaphindo lomqolo. √ [Nayiphi na kwezi] (1)
- 5.2 Ithetha ngehohlide yokuphela konyaka √ kuba ithi niziqwelile iimviwo kwisitanza sokugqibela/ kwesesibini ikhala ngengxaki yokufunda unyaka wonke. √ [Nayiphi na kwezi] (2)
- 5.3 "Izifundo zingangengca" √ (1)
- 5.4 Isitanga ngasinye sakhiwe ngemiqolo emithandathu √√ (2)
- 5.5 Lubaxo/lugqithiso √ luphuhlisa ukusebenzisa ingqondo ngamandla/ Luphuhlisa ukusebenzisa ingqondo ngokungaphaya kokwenza. √ (2)
- 5.6 Ixhalabile √/ kuba isigama esisebenzisileyo sibonakalisa ukuthundeza sicenga abantwana ngokungathi abazi kuphumla. √ (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

INOVELI

UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INKAWU IDLIW' ILILA – S Kula

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Ukunyoluka kukunqwenela into engeyoyakho okanye yomnye umntu kuba unganeliseki yile unayo. Kumenza lowo unyolukileyo arhumrheke enze okubi ade angaziboni naxa esiya kweyela. Baninzi abalinganiswa ababonakala benesi sigulo kule noveli. UMfuneko, Thantaswa, Mdlambila, Siphongo bachaphazelekile baze abanye bangamaxhoba olu nyoluko.

UThantaswa

- Unyolukela ubomi obumnandi akuphuma esikolweni abufumane ngokuthandana noMsindisi kodwa kunjalo amxokise ngomntwana uba asingowakhe kuba selenyolukele ukutshatela kwesi sinhanha somfo.
- Akaneli ngumtshato uwodwa, ufuna amashishini kaMsindisi athi yena. Wenza iyelenge lokugebenga uMsindisi ekunye noMfuneko ukuze afumane imali kunye namashishini akhe.
- Xa sele efile uMsindisi ufuna omnye umtshato kunye noMfuno ade abe kwibakala lokuba babe nale mali kuba efuna uncedo kuye.
- Ugqibela engena kwimigibe ngemigibe ooMdlambila, ooNyangelethu kodwa akufumanisa ukuba imali le yona akazukuyiva uthatha ubomi bakhe nobukaMfuneko. Yitya sendityile!..

UMfuneko

- UMfuneko ulahla uThantaswa enomntwana naye kodwa akutshatwa nguMsindisi umkhangela naphantsi kwebhedi. Uxolele nokuba ngumakhwapheni wakhe.
- Akumfumana uThantaswa naye ufuna amashishini kaMsindisi anokuwafumana xa enokufa. Kuye yibhonasi le aza kuyifumana. Sesi sizathu kanye esibenza babe ngamaphuthi ahlathinye noThantaswa.
- Ukunganeli kukaMfuneko sekungumkhwa kona kuba kuyanwenwa nje kule imeko kaThantaswa. uThantaswa usebenzisa into esele inkone kakade ziziva namatshanda okunyoluka. Sele kuisakhono kuye ukunyoluka oku. Nguye okhupha imipu yesipolisa anike ababulali baye kungcolisa izandla zabo nangolwakhe uncedo. Uyaziwa ngoku kunyoluka kuba ulipolisa elithengwayo ngabenzi bemikhuba ukusukela kulo uhamba nokufa komyeni kaNompumelelo. Oku ukwenza kuba weya umrholo wasesipoliseni.
- Nakule ndibaniselwano noThantaswa nguye oza nooSixaki kuba naye ufuna inzuzo..

- Bayamgwinta uMsindisi kwihlathi laseBika. Siva xa bebikelana ngoku kufa kukaMsindisi ukuba bakunye kulo mkhonyovu.
- Xa ezibona ukuba akaliphandanga ityala kwaye ke kumfiliba ukuba angaliphanda uzama amacebo okuba afe uMfezeko owalathelwe ukuphanda ngokumzingela ngexhwele uNyangelethu elixhobe ngetyhefu de aphumele ekubeni uSiphongo makamtshise ngoVutha ukuze azuze imali yakhe noThantaswa.
- Umbekela izabatha uMfezeko ukuze angaphumeleli kolu phando ade abe utyhefa nengqondo kaNqoza ukuze lungabi naziphumo zihle uphando kodwa kunjalo angaphumeleli asinde uMfezeko.
- UMfuneko noThantaswa bayagcadiya kuba kutshe umkhukhu abazi ukuba usaphila uMfezeko abamfuna phantsi kwegada.

UMdlambila

- Ngenxa yokunyolukela imali enganeli yileyo ayifumanayo empela nyanga emsebenzini ubikela uThantaswa ukuba akabhalwanga kwincwadi yamafa abe sele esithi unecebo elihlawulelwayo kwangale mali noMfuneko ayisebenzelayo. Ngoku le mali inezixhiphoti zamadoda eziyifunayo.
- Xa bezama ukutshintsha ilifa uThantaswa wenza impazamo, kuphixane umhla wokusayinwa kwencwadi yamafa. Kuqale enye ingxaki.

USphongo

- Naye ungene waphelela kwesi sabatha kuba uMfuneko enamandla nje uwathatha kumandla acinga ukuba akho kaSphongo.
- Uthi ngokunyolukela kwale mali inye azithele etshisa ityotyombe engasebenzisi nomthi abexoka ngawo de atshise unyana wakhe buqu.

Bonke barhintyelwa yile ndlu yesigcawu kuba bonke benesifo sokunyoluka. (Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.)

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

7.1 Babekhe bathandana √√/ sisidala sakhe √√ / nguyise womntwana wakhe √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

7.2 Bonke bakhulekwe, bakhubeka, berhinyelwa luthando ukuze bangene kulo nominxa ululwaphulo mthetho. √/ Lube yindlela yokungena kulwaphulo mthetho √/Uthando lubonakalise ukuba ukuba ngumnatha kuba uMsindisi utsalwe luthando kuThantaswa waze wagqibela egwintwe ngenxa yezinto zakhe anazo ngulowo abethe uyamthanda. √ / UMfuneko uthe noko sele engasamfuni uThantaswa kodwa akaphothelwa xa embona sele ehamba ngemigrugra yeemoto zikaMsindisi wabizeleka wonke de wangena waphelela kwiyelenqe lokubulala uMsindisi. √/UMapheza ophanda ityala lokugetyengwa kukaMsindisi, usukuzana noMfuneko ongumgulukudu wepolisa ngentombi enguHlengiwe. √/Ubonakala engawenzi ngendlela umsebenzi wakhe √ / akawenzi ngemfezeko umsebenzi wakhe √/ uThantaswa unge uyamthanda uMsindisi kwavela mva ukuba kanti ebefuna imali yakhe. UMfuneko usebenzisa uThando ukungena kuThantaswa ukuze baye kwimali kaMsindisi ngamayelenqe. √√

(Naziphi ezintathu iimpindulo ezichanekileyo ziyakwamkeleka.)

(3)

- 7.3 Bubengumqondiso wezinto ezimbi/zenkohlakalo eziphuma ngomlomo wakhe ✓/ wobubi/wenkohlakalo ✓ kuba kule noveli ayinye into embi ayikhuphe kulo mlomo wakhe ukusukela kumnqweno wokubulala uMsindisi ukuze afumane imali yakhe, ukuya kwimeko yokuqweqwedisela ukuba kubulawe uMfezeko ukuze ityala lilahleke. ✓✓
(Nawuphi umzekelo obubungqina obuchanekileyo uya kwamkeleka.) (3)
- 7.4 Mhla wahlangana noMsindisi wayenxibe ezimhlophe kodwa bahlukene ngelokhwe emnyama sele embulele uMsindisi. ✓✓ (2)
- 7.5 Likwingabula zigcawu ✓ kuba saziswa abalinganiswa abaza kudlala indima ephambili kweli bali ✓✓/ sithiwa ntlo kwizinto ezinokuba ngunobangela wempixano ✓✓/ sikrotyiswa kwiziphumo izimo zabalinganiswa nesimo sentlalo. ✓✓/ Sihlangana neemeko zabalinganiswa ezisenokuba ngunobangela wokruthakruthwano. ✓✓
(Nayiphi kwezi) (2)
- 7.6 Sesokuthi akungena eluthandweni noMsindisi afune okungaphaya kwalo -afune umtshato. ✓/ Sesokuthi etshate noMsindisi afune ukuthandana noMfuneko. ✓/ sesokuthi emhlalele uMfuneko abuye afune ukuthandana naye kuba ejonge ukumsebenzisa. ✓/ Sesokubulala uMsindisi ngenxa yokufuna aphaqwe nguye amashishini wakhe. ✓
(Nasiphi isithathu esichanekileyo) (3)
- 7.7 Sesokutyiswa kukaMfezeko ityhefu. ✓✓ (2)
- 7.8 'Wambambisa unyaka onesiqhuma' ✓ (1)
- 7.9 Yinqwelo yezigulana, ✓ uNomyayi. ✓ / umbhobho weoksijini ✓/ idriphu. ✓
[Nasiphi na isibini] (2)
- 7.10 Ngumlinganiswa unguMchasi ✓ kuba izenzo zakhe zichasene nezomlinganiswa oyintloko uThantaswa kunye nehlakani lakhe uMfuneko kule noveli/ nguye olwa nolwaphulo mthetho olugquba kule noveli. ✓✓ (3)
- 7.11 Sesothusayo. kuba bekulindeleke ukuba iphele incwadi uThantaswa esisityebi, ongamele amashishini omyeni wakhe suka yaphela efile ✓✓
Okanye
Kusesilindelekileyo kuba xa uThantaswa ebesenza okubi kangaka, ebulalisa abantu abamsulwa bekulindelekile ukuba afumane isohlwayo nokuba sesoNgentla. ✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ukungazithathi ngexesha elifanelekileyo izigqibo /ukungakwazi ukuzithathela izigqibo ezizezakho kwangethuba ebomini kuyahlabana neenjongo zempumelelo ebomini.
- Oku sikujonga ngomlinganiswa onguThole othi esemncinci anqwenele ukuba ngumfundisi kodwa aphanjwe ziimeko ngeemeko zobom ezifana nokuhuhutheka neetshomi. Ukungabi nampumelelo kuye kukalwa ngokuba angabi ngumfundisi ngexesha abelibekile.
- Ugqwidiza ngokuthi akudibana nabahlobo bakhe edolophini eGcuwa esuka eRhawutini uya kowabo eZazulwana ahuhutheke nabo kodwa antlaleke ngokuthi azibone sele ebhadula eBhayi.
- Kuba utywala anususwa ngabo kwindlela eya eBhayi buyahlabana nempumelelo, isazela sakhe siyala kuba siyamazi ukuba waziphawula ngophawu lobufundisi uyabhomboloza indlela yonke avuke apho ebengacinganga khona.
- Kuba iBhayi lambathwa ngabalaziyo, obezibize ngobufundisi alimlungeli, kuba uzibona sele ethene athane qhwe nenenekazi ahlangele nalo elinguNomsa.
- Lakavela ikroba uNomsa umema uThole kowabo ukuba aye kumbona- nalapha uyahuhutheka elantsheka esiya apho eqhutywa luthando.
- Impumelelo ayimyekanga, Kanye xa eza kungena, esangweni ngesimemo sikaNomsa, intshumayelo yomfo wakwaSigxabhayi xa eza kungena esangweni kuloNomsa imxhokonxa ngelithi wayenze isibhambathiso, kubekho amazwi entshumayelo athi, ‘umoya uza ngaphambili’ enza acinge kubini kodwa ayimenzi nto ukumlukuhlela ukuba angangeni, agqibele engena impumelelo ayinathamsanqa.
- Uhlangana nenyoka iphunga umhluzi apha kuba uJoe neqela lakhe bambetha akhumbule isibhambathiso sokufuna ukuba ngumfundisi atsho asithathe kutsha isigqibo sokusebenzela inkosi ngokwezigqibo zakhe zobom.
- Endleleni eya kwindawo aza kubulawelwa kuyo usindiswa ngamapolisa ukuze ahlaziye indlela yakhe eya empumelelweni ngenene nangenyaniso atsho afunge ukuba uza kuyisebenzela inkosi naphakade aqale ngokucinga ngokugoduka.
- Ukugoduka kuphazanyiswa kukuhlangana kwakhe nooThemba noSonwabo abalahlekise loo Mpumelelo ivele ngeempondo yabadudulela eKnysna apho ababukele beqwengwa ziingonyama.
- Eseli tyeli isigqibo simphosa ezingonyameni asinde ngokuba ngumvungulo kwezi ngonyama. uThemba noSonwabo ubabukela benqwamzwa ziingonyama ethe gqa amehlo.
- Bhudu bhudu bhudu uyawaxakwe bubom, utyhobeka ade azibone sele eligqirha laseKnysna engavumiseli oku- esenza imali. Isazela siman’ukufuna ukuphutshuka kodwa enziwe angamaphupha ukuba ade azikhumbule ukuba asindlela ebejonge kuyo le. Akasebenzeli nkosi xa enje.

- Kuba impumelelo iyamfuna, amaphupha amphehluzelisa de athengise ke ngemfuyo yakhe agoduke.
- Xa ebonwa emdala, ikhaya likuncamile ukufunda kwakhe, uthatha unyawo aphindele esikolweni.
- Ukuthatha kwakhe isigqibo sokuphindela esikolweni ubaleka ngqee ukuya empumelelweni - ukugqwesa kwakhe kumthatha kuye kumphosa kwelaseNgilani apho abuya sele engumfundisi ophume izandla oshumayeza nemithi ikholwe.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka)

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa

- 9.1 Ngutitshala wakhe wamabanga aphantsi $\sqrt{\sqrt{}}$ uThole wayengumfundi kwesi sikolo efundiswa ngulo Titshala uSandile. $\sqrt{\sqrt{}}$ (2)
- 9.2 UThole akayolelwa butywala uyabhomboloza xa ebusela buphele bumbeke esichengeni kodwa asinde afumane nomsebenzi akuhlangana noNomsa atsho ahambele kude nabo bahlobo bakhe bamlahlekisayo. $\sqrt{}$
Xa uThole wayesiya kuloNomsa wabethelwa wangenwa luvalo $\sqrt{}$ umfo wakwaSigxabhayi owayesithi umoya uvela ngaphambili naye walikhulisa uvalo lukaThole nathi bafundi bencwadi samane ukuba nezikrokro, kunjalo wasinda cebetshu kwimigulukudu kaJoe. $\sqrt{}$ Xa uThole wayethathwa ngooThemba ukuze aphelele eKnysna wayengaphothelwanga ebuza imibuzo eyayingaphendulwa nathi sakhulelwa kukungayiqondi le ndlela kanti iza nesihelegu suka kwalapho kanye aza kusinda ekuqwengweni ziingonyama. $\sqrt{}$
Xa ubomi buyiswekile kwelaseKnysna esenza imali amaphupha awamphethanga kakuhle kuab impumelelo awayeyibekelwe yayingeyiyo eyamaqhinga. $\sqrt{}$
(Nasiphi isithathu kwezi. Nayo nayiphi impendulo echanekileyo.) (3)
- 9.3 Bubengumqondiso wendlela ende ayihambileyo eya empumelelweni $\sqrt{}$ kuba uhambe efohleka kwiimeko ezinzima zobomi sele engumfundisi nje. $\sqrt{\sqrt{}}$ (3)
- 9.4 Sisekubeni ebephilisa abantu ngamachiza esintu ngoku sele ephilisa abantu ngeLizwi likaThixo. $\sqrt{\sqrt{}}$ Sisekubeni ebelinxila izolo ngoku sele engumfundisi. $\sqrt{\sqrt{}}$ (Nayiphi kwezi.) (2)
- 9.5 Likwinqanaba lesiphelo $\sqrt{}$ kuba ngokwebali amaqhina ayasonjululwa, $\sqrt{}$ uThole sele engumfundisi ngokweminqweno yakhe yobomi. $\sqrt{}$ (2)
- 9.6 Kukweli bakala lobomi ukuba wafunda emdala kungalindelanga bani wenza ummangaliso wokufunda aye kuqhina kubugqirha engenamali $\sqrt{}$
Igama lakhe alisebenzisayo leli linguMangaliso. $\sqrt{}$
Ungumntu nje owahlukileyo kwabanye abantu xa ehamba ezitalatweni uyalandelwa zizihlewe/ akushumayela kubuya namatshipha. $\sqrt{}$
(Nayiphi impendulo enyanisileyo ngokwebali engqina ukuba nguMangaliso kukaThole iya kwamkeleka) (3)
- 9.7 Sesokubizela uThole kowabo esazi ukuba uJoe wakhe ufika nanini. $\sqrt{\sqrt{}}$ (2)

- 9.8 'Kucaca ukuba nayo ngokwayo ngomnye owagqitha indlu yoxolo ivaliwe'. √ (1)
- 9.9 Ivolo-volo, √ alarm clock. √/wodrophu √/ isitulo. √
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 9.10 Ngumlinganiswa oyintloko √/ kuba zonke iziganeko ezisencwadini zijekeleze yena/unento ayifunayo ebomini kwaye angenza nantoni na ukuze afikelele kuyo √√/Ngumlinganiswa oliqhawe √ kuba nguye onezenzo ekufuneka azitshintshe ukuze ayibone impumelelo. √√
(Nayiphi na kwezi) (3)
- 9.11 Sesothusayo kuba bekulindeleke ukuba iphele incwadi ehlupheka njengoko esuka kwikhaya elisokolayo kodwa liphele enguchwenene womfundisi odumileyo. √√

Sesilindelekileyo kuba amalinge akhe ebemele ukuba amvuze xa ethe waguquka eguqukela eNkosini kakade. √√/ kuba ebesoloko ebonakalisa ukuyithemba inkosi ebhenela kuyo ngamaxesha obunzima ukubonisa ukuba wakhuliswa ngenkonzo eyaziwa ngokulungisa iimeko ezikekelelo. √√

(2)
[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpundulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubriki ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

- Phakathi kweziganeko ezinokuchatshazelwa kukho;
 - Ukubanjwa kukaMfazwe nokungcungcuthekiswa kwakhe – abantwana badinga ititshala yezembali.
 - Abantwana baqhankqalazela uba akhululwe uMfazwe.
 - Ukungcungcuthekiswa kuka K.K. nokubulawa kwakhe.
 - Ukubulawa kukaMachule.
 - UMfazwe ubuya etshiselwe ikhaya.
 - Ukudutyulwa kwabantu besifa ookweempukane.
 - Amapolisa awayehlala ezilokishini athutha neentsapho zabo.
 - Ukutshiswa kwezakhiwo neemoto zikarhulumente.
 - Ukushiywa kweentsana zingenabani.
 - Ubomi babantu bendawo batshintsa.
 - Izimilo zabantwana zakrazuka.
 - Ukubulawa kwabantu abasemotweni noFriday.
 - Ukuvingcelwa kukaTat'uGaba.
 - Umzi wahlukana kubini – kukho abathengiweyo ngamabhulu.

OKANYE

- UMfazwe ulandelwa ngamapolisa ngenxa yokutyhila abafundi ngamalungelo wabo, esebenzisa ithuba lokuba engutitshala ofundisa ezembali kwisikolo iFunda.
- Amapolisa atyale iimpimpi zawo kwilali yakwaQaka, oko kukhokelele ekubanjweni kukaMfazwe.
- Eluvalelweni uMfazwe ucengwa ngamapolisa ukuba abe yimpimpi yawo, ukhaba ngawo omane uMfazwe axolele ukuba abethwe ngamapolisa ade amtyise ngenja, akhweliswe nayo kumva weveni.
- Ukuphuma kwakhe ejele ufika esiva iindaba zokuba indlu yakokwabo itshisiwe abazali bakhe abaziwa ukuba baphi.
- Kuthe ndii neendaba zokuba yena Mfazwe uyimpimpi yamapolisa, umsasazi wezo ndaba nguFriday olutshaba lwakhe.
- Ufika kukho intlanganiso eholweni, uya kuyo le ntlanganiso ngeliyokuhlamba igama lakhe lokuba kusithiwa yimpimpi.
- Ufika ejikelwe ngabantu bonke bakwaQaka nabafundi aba abafundisayo, uphuma eholweni ebaleka ebethwa.
- Uthi akubona ukuba ubomi bakhe kusemngciphekweni abalekele kwaninalume eMnqwazi.
- Ubuyela umngcwabo kaKK noMachule, alale kwaMfundisi Hlathi, ebusuku uFriday neqela lakhe bamhlasele kunye nekhaya elo likaMfundisi uHlathi asinde uMfazwe ngokuzifihla kwimoto endala.
- Uthiyiselwa ngoFriday uMfazwe ngemoto abayishiya inabantu abangxwelerhiweyo, anyathele elo gazi labo.
- Acetyiswa nguMfundisi uHlathi ukuba makabhace kungenjalo uFriday uya kuthi nguye obulele aba bantu.
- Uya elubhacweni ngeenjongo zokukhulula abantu abamnyama kwingcinezelo azibandakanye nombutho iMbokotho ebomvu,
- Usinda emapoliseni aseThongo nakumajoni emibutho eselubhacweni. Bonke obo bunzima adibene nabo abumthibazanga mandla kumnqweno wakhe wokukhulula abantu abamnyama kwingcinezelo yabamhlophe.
- Ubuya elubhacweni ngokuthi imibutho yopolitiko ivulwe imilomo, xa efika kwaQaka uxelelwa nguSimphelele ukuba uyafuneka eRhawutini kwiingxoxo.
- Ubamba inqwelo moya uya eRhawutini noFriday unombutho wakhe ulapho kwezo ngxoxo.
- Kwiingxoxo ezo bayakhululeka abantu kumbuso wengcinezelo wabamhlophe, uMfazwe obesaziwa njengempimpi ngoku uyijaji kwityala likaFriday. Oku kubonisa ukuba uMfazwe wawuphilela umnqweno wakhe wokungabi yiyo impimpi kuba waxolela nantoni kunokuthengisa ngabantu bakokwabo.
- Ukufumana kwabantu abamnyama inkululeko yaba kukufezekiswa komnqweno kaMfazwe.

(Nayiphi impendulo echanekileyo)

[25]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

- 11.1 La Magqwirha ngamapolisa ombuso wamadlagusha awayemvalele entolongweni uMfazwe efuna athathe ubungcothoza kuba ayemkrobele ukuba urhabule kwibhekile yomzabalazo. √√ (2)
- 11.2 Kudala umanyano, intsebenziswano ukuze abantu baphumelele kunye mhla baphumelela xa uqwalasele inquleqhu kaMfundisi uHlathi, uTat'uGaba nabantu abamakhe uMfazwe sele bengasekho nezinye eziyelele apha. √
Kubenze ukuba xa besilwa babenjongo nye kuba baxhatshazwe ngokwebala, eyona nto ibenza babe ngamacala amabini alwayo kucace ukuba ngubani okuliphi icala. √/ Kudale ukuba kubekho umsantsa okhuthaza abanye ukuba balwele okukokwabo. √
- Kudala ukuba kubekho amathandazwe azijula ijacu kwiimeko ezinzima de babe ziingxwelerha kodwa kunjalo ngoku bahluleleneyo kubakho intsebenziswano ngokokwahluka kweenjongo zamaqela. √/
Kudale iyantlukwano eyenza kubekho ukuthengisana kumaqela okanye ukuhlelana ngenxa yokufuna ukuxhamla kwiimeko ezingcono. √
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka. Qaphela: umviwa ngamnye uya kuyibeka ngendlela ayibona ngayo imeko eqhubeka ebalini.) (3)
- 11.3 Bubengumqondiso wokuba ngenye imini uya kuze athethe kuvakale kula magqwirha/ bube ngomqondiso wempumelelo √ kuba ekugqibeleni uphele eyijaji egweba amatyala abe ngoku amagqwirha esiva ngaye ethatha imiyalelo kuye. √√ (3)
- 11.4 Sisekubeni eli banjwa liseluvalelweni namhlanje ligqibele liyijaji kwakweli lizwe linye. √√ (2)
- 11.5 Likwinqanaba lengabula zigcawu √kuba saziswa abalinganiswa abaza kudlala indima ephambili kweli bali √/ sithiwa ntlo kwizinto ezinokuba ngunobangela wempixano √/ sikrotyiswa kwiziphumo izimo zabalinganiswa nesimo sentlalo √/ Sihlangana neemeko zabalinganiswa ezisenokuba ngunobangela wokruthakruthwano. √
(Nayiphi inkxaso kwezi.) (2)
- 11.6 UMfazwe usisiqhwala wadutyulwa emlenzeni wagqibela esisiqhwala √/ uMfazwe akasenalo ikhaya lakhe √/ UMfazwe uselubhacweni udlakazekile emoyeni √/ uMfazwe wahlukaniswa noNokuzola onomntwana wakhe √/ athandana naye watsho wasesinye sezigede. √
(Nasiphi na isithathu esichanekileyo siya kwamkeleka.) (3)
- 11.7 UMfazwe wagxothwa entlanganisweni √√ (2)
- 11.8 'Ndiyaya okanye andiyi entlanganisweni ngecawa. √ (1)
- 11.9 Kukho unomathotholo, √ kubhalwa iileta. √ (2)

- 11.10 Ngumlinganiswa oyintloko ✓ kuba zonke iziganeko zijikeleze yena ✓/unento ayifunayo ebomini kwaye uxolele uujinga iliso ukuze afikelele kuyo ✓
(Nayiphi na impendulo enika iimpawu ezichanekileyo zomlinganiswa oyintloko iya kwamkeleka) (3)
- 11.11 Sesothusayo ✓ kuba bekulindeleke ukuba uMfazwe afe ebulawa ngamaBhulu kodwa wagqibela eyijaji elwela ukuphathwa gadalala kwabantu abamnyama ngamaBhulu. ✓✓
Okanye
Sesilindelekileyo kuba kakade okungapheliyo kuyahlola. Kaloku namadlagusha la bekumele ukuba akhe akuve ukuphathwa ngumntu omnyama. ✓✓ (2)

[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – NNN Swana**

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.

Mazamkelwe iimpindulo ezahlukeyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina. bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-24 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi makachankathe kwezi ngongoma zilandelayo:

Isaci esithi 'ukuthetha uNongqawuse ' siphuhlisa ukuthetha into engasuke yenze.

Ekuqaleni kwale ntsomi sityhilelwa ngentlalo yamaXhosa eyayimnandi kuba ayezizityebi ephila ngokulima nokufuya iigusha, iibhokhwe, iinkomo, zidonki nazo zonke izilwanyana zasekhaya. Ezi zizona zinto umntu awayebonwa ngazo xa esisityebi. Umhlaba wawuyokozela intlutha, Uluntu lwaluzingca ngobuntu, abalawuli bengekabiwa bubuhlanga. Abantu babesebenzisa iinkomo ukulima amasimi kubekho umbona, imifuno namazimba.

- Kwakulula kumaXhosa ukwenza amasiko kuba ayengathengi esebenzisa izinto anazo.
- Abafana namakhwenkwe kwelinye icala ayezonzwabisa ngeentlombe nemitshotsho.
- AbeLungu babewufuna kakhulu umhlaba wabamnyama ngenxa yokuchuma nokutyeba kwawo.
- Injongo zabo yayikukuxhaphaza abantu abamnyama ukuze bacake kubo.
- Babesazi ukuba xa bengatshabalalisa ubutyebi babo, Bangatsho baguqe kubo becela umsebenzi batsho bathobele bekwalawulwa yimithetho yabamhlophe.
- Zatshintsha izinto mhla intomb yaseCwhebeni leGxarha, uNongqawuse intombi kaMhlakaza eyayinguMprofethi yaxokisa isizwe isithembisa mgobutyebi obuphinda-phindeneyo obuzayo.
- Le ntombi yayinexesha layo elilodwa yayisiya ngalo emlanjeni ukuya kukha amanzi.
- AbeLungu baliqaphela ixesha layo lokuya emlanjeni kuba babesoloko befuna ikroba lokuwabhukuqa amaXhosa.

- Bamqaphela ukuba uNongqawuse ufika athethe nezinyanya emlanjeni njengomprofethi.
- Basebenzisa ezi nkolo zamaXhosa ukubajika babenze izicaka zabo.
- Benza icebo lokuba bazenze izinyanya phaya emlanjeni ukuze acinge ukuba uthetha nezinyanya xa ethetha nabo.
- Akufika emlanjeni uNongqawuse wacamagusha enqula ethethela phezulu kwaye kungekho nto ayishiyayo.
- Bathi abeLungu isiprofetho sithi amaXhosa aza kuba zizityebi, bathi kuza kufika imana evela phezulu. Oko kukuthi bazobazizityebi bengasebenzanga nzima kuqala.
- Neenkosi ziza kuphatha zilawule kamnandi, kodwa konke oku kuza kwenzeka xa bonke abantu betshabalalise bonke ubutyebi babo, Oko kukuthi babulale imfuyo batshise zityalo nembewu yazo.
- Batsho besithi mabajonge eMpumalanga iintsuku ezintathu bangayeki baza kuyibona indyabo yabo isiza ivela khona.
- uNongqawuse waleqa enkosini ngenxa yenkolo enzulu anayo kwizinyanya yakwamkela oko yabe sele ikhupha umyalelo ongqongqo wokuba izibonda mazihambise ezi ndaba ebantwini bonke.
- Ngenene abantu benza ngokomyalelo batshabalalisa yonke into.
- Emva koko zafika zadlula iintsuku ezazibaliwe yaqalisa indlala kumaXhosa nkqi ukuvela kwendyabo.
- Balinda balinda bejunge enkalweni de bancama.
- Bamfuna apho akhoyo uNongqawuse abantu ngenxa yephango.
- Loo nto ithetha ukuba liyinene elokuba xa kusithiwa 'uthetha uNongqawuse' kuxa ubani ethetha into engasokuze yenzeke kuba kwabanjalo kwintetho eyayithethwe nguNongqawuse intombi kaMhlakaza.
- Ubutyebi obabukho kumaXhosa baphela kwagquba indlala, iinkosi zemveli zakhonza nkosi zimbi, kwangena imithetho ngemithetho kwaXhosa, zabhanga zaluthuthu iintlanti zikaXhosa. AbeLungu bafika neeteletele zabo balima amaXhosa azizicaka.

Intaba kaNdoda

- Esi sibongo singembali yokufumaneka kwale ntaba.
- Ngokwembali iNtaba kaNdoda yona yintatyana enesiphongwana esijonge entshonalanga. Ithe ngcu kumahlathi akwaHoho, ekuphuma kuwo ixesi neQonce.
- La mahlathi ukuze abe ngamahlathi alunge kumaXhosa afunyanwa nguRharhabe, into kaPhalo yasekunene, malunga nonyaka we-1750, owathi ukushiya kwakhe olo lwalwa luseGcuwa, ngakuNdotshanga, ngokuphetha iimfazwe zakhe nabaThwa, esuka eHohita, waqubisana nzima namaLawu
- Lathengwa ngemihlambi yeenkomo ke elo hlathi lakwaHoho ngemvumelwano phakathi koRharhabe noHoho inkosikazi eyayiphethe amaLawu.
- Ukusukela oko ke yaba ngumhlaba wamaXhosa lowo.

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)

[25]

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI - NNN Swana nabanye**

- 13.1 Babesalekelana √√/ babengumntu nomntakwabo √√ (2)
- 13.2 UDeliwe ucalulwa ngumntu azalwa naye √ lukhula ngakumbi uchukumiseko, luceketheke uvakalelo xa enokucekiswa acalulwe ngumntu obefanele ukumkhusela uDeliwe ngenxa yesiphako anaso emzimbeni kuba oku bekulindeleke kumntu angamaziyo. √√ (3)
- 13.3 Wokujongeleka kwakhe phantsi kukaDeliwe. √ Kuba naku wagqibela engumntu ojongelwa phantsi ecalucalulwa ngenxa yesiphako esisemzimbeni. √√/ wokuba kungalindeleka into engaqhelekanga kuye noko edelekile √ kuba naku wathi edeleke enjalo enesifombo soluleka badana ababemjongele phantsi. √√ (3)
- 13.4 Ibalulekile kuba injongo kukukhwebula abantu kwizenzo zocalucalulo √√/ ikhwebula abazalanayo kwizenzo zokuphathana gadalala ngenxa yoluchwe lwabazalanayo. √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka) (2)
- 13.5 Sesokuqabela intaba esokola uDeliwe. √ kuba kulapho uvakalelo luceketheke khona kumlinganiswa ophambili onguDeliwe. √√ (3)
- 13.6 Kukubalisa ngezinto ezingakholelekiyo √/ ukuba libali elingeyonyani √/ isiphelo salo √/ubungangamsha bombalisi. √/ Isiqalo nesiphelo sayo. √
(Nasiphi isibini seempawu zentsomi ezibonakala kwesi sicutshulwa siya kwamkeleka.) (2)
- 13.7 Yindawo elikhaya √ / yindawo yokubalekela √ / yindawo yokulilela √/ (1)
- 13.8 Liqhawe lomzabalazo. √ (1)
- 13.9 Lolokuba imbongi izelwe ngoku sele uza kuphela umzabalazo √√/ lolokuba imbongi ayithathanga nxaxheba ibhekele phi kumzabalazo. √√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
- 13.10 Kukubethelela ingcinga yokuba awufumanekanga lula uMzantsi Afrika √√/ Kukuqaqambisa indima edlalwe nguSteve Biko ekufumanekeni kwawo √√/ Ngokwembongi ukuthi Mzantsi Afrika kukuthi Steve Biko. √√/ Imbongi igxininisa ukuba yonwabile kuba uMzantsi Afrika utshintshile yimizamo yamaqhawe angooSteve Biko. √√ / kukudala isingqisho. √√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 13.11 Lo mbongo ungendima edlalwe nguSteve Biko ukuze uMzantsi Afrika ukhululeke. √√ (2)
- 13.12 Imveza njengomntu olwele inkululeko yeli √/ uvezwa njengosindise iinkedama, abahlolokazi √/wafunda de athi unceda abangenamandla 'okuzinceda √/ Ithetha kamnandi ngaye imtyhila njengomntu obenegalelo elikhulu kwinkululeko yeli. √
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Ingombandela obalulekileyo noxabisekileyo kwintlalo yabantu. Ukuphazamiseka kwalo mbandela kwenza izinto zingalungelelani kudaleke intlekele.
- Kubakho umlinganiswa oyinjinga yentlekele.
 - Lo mlinganiswa uba sisigculelo sentlekele ngenxa yezenzo zakhe.
 - Uba ngumlinganiswa obekekileyo ngenxa yezenzo zakhe.
 - Uyaqiga usezingqondweni akabonakalisi butyhakala.
 - Ungumntu osesihlalweni esiphezulu nasemagunyeni.
 - Usuka abe nobuthathaka obumtyhalela ekubhatyazeni.
 - Oku akubi nakuba salungiseka ibe seyihlile intlekele.
 - Yile mpazamo nemposiso yakhe edala intlekele.
 - Umlinganiswa oyintloko uba namathuba okuba nomvandedwa de azive ethetha yedwa ngasese sitsho sikwazi ukuvelela imbilini yakhe.
 - Zisuka nje lo mdlalo uhlakulela ngemiqondiso efana nomsi ovale indlu ongumqondiso wokubi okuza kusihlwa, kufingqiza amafu, kuzise izulu kukhala izikhova imikhulungwane wezinja, imiqondiso yokubi okuzayo
 - Ukuqwalasela ezi mpawu nganye nganye sizicazulula ngolu hlobo;

Ingombandela obalulekileyo noxabisekileyo kwintlalo yabantu. Ukuphazamiseka kwalo mbandela kwenza izinto zingalungelelani kudaleke intlekele.

- Le drama ingomba wentlalo okukwendiswa okanye ukukhetha undofa naye. Uphazamiseka ngokuthi uZwilakhe onguYise kaGugulethu afune ukukhethela unyana wakhe intombi amakayitshate ngeli xesha uGugulethu afuna ukuzikhethela. UZwilakhe umisa ngesiko ngeli xesha uGugulethu abona ukuba luthando olwenza abantu batshate.
- Isilumkiso sikaZweni, xa efuna ayekwe azikhethela uGugulethu kwiphepha 63 sithi, *'The old order changeth yielding place to new...lest one good custom should corrupt the world'* silugelesho, sikrobisa kwinto engehli esenokwenzeka.
- Ithumba liyaqulungana ngokuthi uyise amise ngokuthi akanakufunzwa kanti uza kumfunza ngokwakhe kwaye umile elizwini lakhe ngelithi nokuba angade achase alale ngomqolo uGugulethu.
- Kwelinye icala uGugulethu ubuza umbuzo othi, 'Ukuba ubawo undisa eweni mandiyiye nokuba ingozi ndiyayibona kuba ndifuna ukumkholisa?'
- Uthatha isigqibo asilandele sokunika impendulo ethi 'buzani kubawo' kuwo ngamnye umbuzo omalunga nalo mcimbi xa unгахambelani neembono zakhe.
- Akusithatha esi sigqibo uqalekisa nomhla awazalwa ngawo, akanasimilo, uthi ebizwa athi akezi- noko umntwana womXhosa uyayazi ukuba sukuba kushubile ukuze umntwana asabele ngolo hlobo.
- Esinye isilumkiso sikaZweni sihamba neziqhamo zonyanzeliso.

Ulwimi olusetyenziswayo kumdlalo oyintlekele ngunyonyo onuk'igazi

- Amazwi aquphayo angumbuzo ozingileyo asenza sihlale singxangele ukubona ukuba kuza kwenzeka ntoni kwesi sibini. Akubona ukuba alikho ilizwi
- Ithoni yeyonxunguphalo- Ukusetyenziswa kukaBuzani kubawo kuyo nayiphi into engumbuzo omawuphendulwe nguGugulethu kudala unxunguphalo. Kwelinye icala akaZwilakhe amazwi nangona ewatshintsha tshintsha antsingiselo nye, 'andijiki kuleyo'.
- Ukufunyanwa kukaGugulethu ezula endlini, ephindaphinda amagama manye, 'Buzani kubawo' kubonakalisa ukudandatheka komphefumlo hayi kuGugulethu yedwa nakuthi bafundi bencwadi esizimanye naye.
- Iintetha ezithi, 'iinkqwithela, amathunz'omnyama, iintsunguzi zamahlathi Izulu liyadu-duma, lududuma lidlule nemiphefumlo yabantu...izulu limathumbantaka, Bawo uyandiqhomfa na?'
- Izilumkiso zikaGugulethu, liduduma lidlule nemiphefumlo yabantu, lenza izigede.
- UMzamo ulumkisa ngamazwi athi 'isala kutyelwa sibonwa ngolophu.'

Malunga nomlinganiswa oyinginga yentlekele

- Unento ayixabisileyo ebaluleke kakhulu ebomini bakhe.- isiko.
- Uba nobuthathaka anabo obuthi bumkhokelele kwisiwo sakhe.- Inkani
- Unenjongo afuna ukuyifezekisa- ufuna ukuzekela unyana intombi ayithandayo.
- Wenza iinzame zokufumana le nto ayifunayo- uqweqwedisela amaHlubi ewaqweqwedisela kule mbono yakhe.
- Kubekho imiqobo esendleleni yakhe yokufumana akufunayo- imiqobo anayo yeyokuba amaHlubi ayalazi eli siko nokutshintsha kwalo, uMzamo, uGugulethu ongafuni kusayina nokuvuma esidlangalaleni ukuba uyamtshata uThobeka abembonelwe nguYise,

Uba nobuntshovuntshovu bobuntshakavula efuna ukususa le miqobo nakuziphi iimeko-

- Uqweqwedisela abantu ukuqala kuGugulethu de amtshatele kunye nale ntombi kaMcothama xa ebophe isandla engafuni kuyitshata, ukuya kumaHlubi.
- Uxolelele ukujinga iliso, kungade kube kho indyikityha yokufa kwabantu abangenasono ngenxa yakhe - kufa imiphefumlo engenatyala kuba xa engakufuni ukutshata uGugulethu uyamtshatela lize ixhoba lokuqala libe nguNomaMpondomise ofa ngokuzeyelisela emlanjeni kuba undofa naye wakhe etshatile.
- Emveni kweminyaka elishumi elinesibini, uZwilakhe uthumela abafowabo ukuba baye kulanda uGugulethu eMthatha akungavumi.
- UZwilakhe akuthumela uThobeka nabantwana eMthatha, uGugulethu ubaxabela ngezembe ezinzulwini zobusuku bonke bayafa

Uyazisola ngesenzo sakhe/uba nokuzisola

- Ngale mini inye uyavuma uZwilakhe ukuba ungunobangela ngoko isigwebo masiwiswe phezu kwakhe, inkundla iyala, imgwebe intambo uGugulethu.
- Ngomhla wokuwisa kwesigwebo, xa uGugulethu egwetywa iinyanga ezintandathu ngenxa yokubulala uThobeka nabantwana, uZwilakhe uyazisola de athi makugwetywe yena endaweni yakhe.

Uxolela ukufa/ uyafa/ uyohlwaywa ngesenzo sakhe

- Isohlwayo sakhe sesokuba usele yedwa kuba uMagaba uzityise ityhefu kwangale mini wafa.
- Omnye owohlwaywayo lihlakani lakhe uMagaba unina kaGugulethu othi ngemini yokugwetywa kwetyala likaGugulethu lokubulala uThobeka, unina uMagaba, aziseze ityhefu afe.

[25]

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa****ISICATSHULWA A**

- 15.1 Ngumba wokuzekelwa kukaGugulethu. ✓ (1)
- 15.2 Lidale umsantsa phakathi kwendlela abaliqonda ngayo isiko abadala nabatsha laze lakhokelela kwimpixano ephakathi kwabazali nabantwana kulo mdlalo. ✓✓ (2)
- 15.3 Kukuthethathethana. ✓ (1)
- 15.4 UZwilakhe ucinga ukuba nguye omakakhethe umfazi ngeli xesha amaHlubi akholelwa ukuba umfana makakhethe, utata aye kucela intombi egameni lonyana. ✓✓ (2)
- 15.5 Nguye owenze ukuba uGugulethu anyanzelwe ngoThobeka Mcothama kuba uthe akakho omnye umntu oya kunyathela laa nkundla yakhe ngaphandle koThobeka. ✓✓ (2)
- 15.6 Unyanzelise ukulotyolwa kukaThobeka Mcothama waze uGugulethu wemkelwa ziingqondo kukudandatheka komphefumlo. ✓✓
Unyanzelise ukutshata kukaGugulethu sele ebophe isandla ukuze angatshati suka waya kummela kumfundisi watshata egameni lakhe. Oko kube sisizekabani sokufa kukaNomaMpondomise neminye imiphefumlo emininzi. ✓✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (4)
- 15.7 Akanyanisanga kuba kukule ngxoxo yale mini apho uGugulethu avakalise ukuba bavumelene kuphela ngokuba unyana usexabisweni lokutshata hayi ukuba makamfunele umfazi. ✓✓ (2)
- 15.8 Umoya wenkxalabo. ✓ (1)
- 15.9 Ewe wade wathi akube etshatelwe ngenkani walizila ikhaya lakhe. ✓ (2)
- 15.10 Luzobo ngqo ✓ kuba lo mlinganiswa usixelela ngqo ukuba umlinganiswa onjani uGugulethu, asimfuniseli. ✓ (2)
- 15.11 Sesokuba yena uthanda uNomaMpondomise ✓/ Sesokuba yena utshata umntu athe wamthanda hayi onesimilo njengoko esitsho uyise. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 15.12 Kuisigqebelwe kuba injongo ayihambelani nesiphumo. Umtshato kuthiwa ngokaGugulethu kodwa umntu otshatayo iba nguZwilakhe obezele ukutshatisa uGugulethu. ✓✓ (2)
- 15.12 Unoluvo lokuba esli siko laphelwa ngokwale ndlela yalo yakudala/ unoluvo lokuba ngale ndlela limi ngayo lidala iingxwelerha emphefumleni nezigede ✓ kuba iziphumo zalo azibanga zihle ngokwale ncwadi, kufe abantu abanye bangxwelerheka imimoya. ✓✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (3)

[25]

UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

INDLALA INAMANYALA – M Lamati

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpindulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubriki ekwiphapha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- **Ingombandela obalulekileyo noxabisekileyo kwintlalo yabantu.**
Ukuphazamiseka kwalo mbandela kwenza izinto zingalungelelani kudaleke intlekele.
- **Kubakho umlinganiswa oyinjinga yentlekele.**
 - Lo mlinganiswa uba sisigculelo sentlekele ngenxa yezenzo zakhe.
 - Uba ngumlinganiswa obekekileyo ngenxa yezenzo zakhe.
 - Uyaqiga usezingqondweni akabonakalisi butyhakala.
 - Ungumntu osesihlalweni esiphezulu nasemagunyeni.
 - Usuka abe nobuthathaka obumtyhalela ekubhatyazeni.
 - Oku akubi nakuba salungiseka ibe seyihlile intlekele.
 - Yile mpazamo nemposiso yakhe edala intlekele.
 - Umlinganiswa oyintloko uba namathuba okuba nomvandedwa de azive ethetha yedwa ngasese sitsho sikwazi ukuvelela imbilini yakhe.
 - Kunjalo, sibona impixano isonjululwa ngokuthi bavuzwe abo bebewiimeko ezixhalabisayo kubuye konwatywe kwakhona sibe sesincumisayo isiphelo.
- Uqala nje lo mdlalo, uMagrazula ixhwele, ubika ukuba intlanganiso ebiseThekwini yamaxhwele ithathe isigqibo sokuthi xha ngokuthengisa iintloko zabantu kuba zisenza umjojo. Iyaxhalabisa ke le meko. Bacinga ukuba iintsana ziza kufumaneka lula kuneentloko.- ixhalabise ngakumbi le meko kuba ubiwo lweentsana lububungqina bokuba kukhangelwa into elixhoba, exhaphazeka lula. Ezi ntsana kubonakala ukuba zingabiwa lula ngabafazi. -olunye uhlobo lokuxhaphaza oluxhaphaza abantu abahlelekileyo.
- Kuyabonakala ukuba kwelinye icala lale meko amapolisa abhejele ukubuphazisa obu ubundlobongela nabenzi abazinzanga koko amaxhwele afuna ukubaphamba kodwa awuqhubele phambili lo mkhuba. Nalapho siqalisa ukunxunguphala singabantu abanezazela.
- Kwesinye isakhiwana sale drama, ulutsha olungafumani misebenzi luyaxhatshazwa kumasebe kaRhulumente kuba kufuneka lunyobe ukuze lufumane umsebenzi. USiqhiwu ubhejele ukuwuphazisa lo mkhuba awuncothule neengcambu.
- Zombini ezi meko zikufutshane ezintliziyweni zethu thina bafundi bencwadi kuba kunjalo nje thina ziimeko zentlalo ezinkone zolwaphulo mthetho.
- Ubiwo lweentsana luthimba intliziyo kaMamQhinebe ogqibela esebenza ekaMaGatyeni othi naye ngenxa yemeko yendlala azibone engena kumkhuba wokuba iintsana ohambisa umzimba.
- Xa isongwa impixano, iziphumo zimalunga nabenzi bobubi
- UMamQhinebe noMaGatyeni basa usana lokuqala kwaMagrazula, uMaGatyeni uyaqiniswa, beba usana lwesibini, bayabanjwa nangona singazi nje ukuba uMagrazula noDlezinye baphelele phi.

- Ihambo kaSiqhiwu yokufuna umsebenzi ichazwa njengejoyini kuba ijoyini kukuhamba uye eGoli uye kusebenza unyaka wonke. Sele engathi uyaphangela ngoku uSiqhiwu kule ndlela yokufuna umsebenzi. Indlala iliphethe eli khaya nangona umntwana ephumelele ibanga leshumi kwisithuba seminyaka emithathu edlulileyo, wabhala novavanyo lwabaceli msebenzi wakwaRhulumente waluphumelela. Okokoko elindiswe incwadi ayakuthi aziswe ngayo xa kuthe kwavela isithuba.
- Unina sel'emcebisa ukuba makanyobe ukuze afumane umsebenzi kuba ekholelwa ukuba nabo sele bephangela benza njalo kuba abanye bawufumana ngokunyoba umsebenzi abe uThembinkosi ebubungqina obuzeleyo ngalo mba kuba uthe ephumelele ibanga leshumi kunyaka ophelileyo wabe sele ephangela.
- USiqhiwu uyikhaba ngawo omane le ndlela iya empumelelweni ngelithi ngekhe anyobele isikhundla.
- Uthi esalinde njalo eve ukuba omnye umfana ogama linguThembinkosi ophumelele ibanga leshumi kunyaka ophelileyo sele ephangela.
- USiqhiwu uthatha isigqibo sokuba aye ngokwakhe kwi-ofisi yomqeshi ayekuyiqonda ngokwakhe le nyewe / ingxaki abuye apho ebhebhetha ukuba akazi kunyoba kwaphela.
- Ugqiba kwelokuba ambambise uMaQhikizane ngokunyobisa abantu.
- USiqhiwu uya esikhululweni samapolisa aseMthatha apho ahlanguana nepolisa eligama linguSikhundla elingafuni ukumthethisa noKheneli Sibane, ngelithi ungumntu omkhulu kuba efuna athethe yonke into amfunela yona kuye.
- Akuyixelela ingxaki uKheneli unika uSiqhiwu itape recorder kunye nemali le ebeyifunile uMaQhikizane abe ezikhuphele iinombolo zayo ukuze abenabo ubungqina.
- USiqhiwu ungena e-ofisini kaMaQhikizane amnike loo mali, emveni koko kungene uKheneli sele emyalela ukuba aphakamise izandla amsetshe emxelela ukuba le mali yeyomgibe.
- UMaQhikizane uyabanjwa, ufunyaniswe enetyala agwetywe.-ulwaphulo mthetho luphelelwe ngamandla.
- Isiphelo siba sesiyolisayo. Siyolisa ngokuba loo nto ibisokolisa iyafumaneka. USiqhiwu noSiphokazi bawongwa ngokufumana umsebenzi.

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

[25]

UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**INDLALA INAMANYALA – M Lamati****ISICATSHULWA A**

- 17.1 Ngowokuxela ulwaphulo mthetho olwenzeka kwiofisi zikarhulumente. √ (1)
- 17.2 Zonke iimeko zokungavisisani okukule drama zibangelwe yindlala. √√
(Umviwa angazikhankanya ngqo ngokwasencwadini) (2)
- 17.3 Kuthetha ukuba abavumelekanga ukuba bambone kuba behlupheka. √ (1)
- 17.4 UMaqhikizane ucinga ukuba inkonzo kaRhulumente yeyokutyebisa yena /yeyokunceda abantu abanezinto/ kanti uSiqhiwu ucinga ukuba umntu ofundileyo makanikwe umsebenzi kungade kufuneke anyobe. √√ (2)
- 17.5 Ubandakanyeka kuba nguye kanye osuse uSiqhiwu ngokuthi inkonzo yokuqesha ayenze ngobuqhophololo bokunyobisa aze onganyobanga kucace ukuba akazi kufumana. √√ (2)
- 17.6 USiqhiwu usindise uSiphokazi ekuxhatshazweni nguMaqhikizane wabanjwa uMaqhikizane. √√ /uSiqhiwu umangalele okanye uxele ukuba uMaqhikizane uyanyobisa, wabanjwa uMaqhikizane batsho bafumana imisebenzi abebengawufumani kuba uMaqhikizane enyobisa. √√ (4)
- 17.7 Unyanisile kuba kubonakele ngokubanjwa kwabafazi abeba iintsana noMaqhikizane ukuba uyadinwa. √√ (2)
- 17.8 Woxambuliswano. √/ wobangiswano √ (1)
- 17.9 Akazange abambelele kulo lide liphele kuba wancama wangena kulo mkhuba ebelotyelwa kuwo nguMamQhinebe. √√ (2)
- 17.10 Luzobo ngqo√ ngokuba intetho kaMaGatyeni isixelela ngqo asibufuniseni ubukholwa bakhe.√ (2)
- 17.11 Sesokuba banezibindi √ (1)
- 17.12 Sisekubeni uMamQhinebe ngale ntetho yakhe ezicingela ukuba uyakugqibela esisityebi esihlala eNorth Crest kwindawo yeengingqi asuke aphele ehlala entolongweni namabanjwa sele elibanjwa naye. √√ (2)
- 17.13 Umbhali unoluvo lokuba ulwaphulo mthetho lumfaka engxakini umntu/ alumelani nomthetho – umthetho unamandla kunalo. √ kuba kuzo zonke iimeko zolwaphulo mthetho ebezikule ncwadi, umthetho uye waphumelela babanjwa abenzi bobubi.√√ (3)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBÉ [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	5-6	4	3	2	0-1
Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.	-Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo Kusetyenziswa isihobe -Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe.	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile -Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe.	-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo -Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe.	-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko -Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe.	-Akanalwazi kwaphela ngesihloko -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
6 AMANQAKU					
	4	3	2	1	0-1
ISAKHIWO NOLWIMI	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo -Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile - Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana -Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala.	-Bukho ubungqina besakhiwo -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana Kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbaw, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga
4 AMANQAKU					

QAPHELA: Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

ISIHLOMELI B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	12–15	9–11	6–8	4–5	0–3
15 AMANQAKU	<ul style="list-style-type: none"> -Impendulo igqwesile. 14–15 -Impendulo ebalaseleyo. 12-13 -Ukutolikwa okunzulu kwesihloko -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. -Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. -Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko -Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. -Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. 	<ul style="list-style-type: none"> -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. -Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. -Iimpindulo ezichanekileyo zibalwa kakhulu. -Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. -Iimpindulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke. -Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
ISAKHIWO NOLWIMI	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
10 AMANQAKU	<ul style="list-style-type: none"> -Isakhiwo siyathungelana. -Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. -Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. 	<ul style="list-style-type: none"> -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangcise ngendlela edala uthungelwano. -Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. 	<ul style="list-style-type: none"> -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. -Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. -Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. -Imihlathi ichanekile ikakhulu. 	<ul style="list-style-type: none"> -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Izimvo azithungelelani kakuhle. -Iziphene zolwimi ziyabonakala. -Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. -Imihlathi ineziphene. 	<ul style="list-style-type: none"> -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. -Iimpindulo zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. -Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala -Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
AMANQAKU	20–25	15–18	10–13	6–8	0–4

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.